basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISebe leMfundo esiSiseko

INCWADI YOKUFUNDISA YE-PAIA NE-POPIA

ngokwe

Candelo le-14 lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000) (PAIA)

kunye

Nokuxela iimfuneko zomThetho woKhuselo loLwazi lobuQu, 2013 (umThetho wesi-4 ka-2013) (POPIA)

Ipapashwe liSebe leMfundo esiSiseko
Sol Plaatje House
222 Struben Street
Pretoria

Private Bag X895
Pretoria

Copyright © The Department of Basic Education of South Africa

Iikopi zolu shicilelo zinokufunyanwa kwi
Candelwana: UkuDibana nabeeNdaba kunye noNxibelwano lweSizwe nolwamaPhondo,
ISebe leMfundo esiSiseko, ePitoli.
Umnxeba.: 012 357 3757
Ifeksi: 012 326 1055

Iwebhusayithi: https://www.education.gov.za

IZIQULATHO

1. Intshayelelo 4
2. Umbono, injongo neenqobo ezisemgangathweni zeSebe leMfundo esiSiseko (Department of Basic Education) (DBE) 4
3. Imisebenzi kunye nolwakheko lwe-DBE 5
   - 3.1. Imisebenzi ye-DBE 5
   - 3.2. Imisetyenzana eyenza imisebenzi 5
   - 3.3. Ulwakheko lwe-DBE 7
     - 3.3.1. ICandelo A: IziMali noLawulo 7
     - 3.3.2. ICandelo C: UMgaqo-nkqubo weKharityhulam, iNkxaso nokuBeka iLiso 7
     - 3.3.3. IYunithi eyoNgamele uCwangciso noFezekiso 8
     - 3.3.4. ICandelo P: UCwangciso, uLwazi noHlolo 8
     - 3.3.5. ICandelo S: UkuHlanganisa ngokwezeNtallo neeNkonzo zeNkxaso 8
     - 3.3.6. ICandelo R: ISicwangciso, uPhando noNxibelelwano 9
     - 3.3.7. ICandelo T: OoTitshala, iMicimbi yabaSebenzi yezeMfundo kunye noPhuhliso lweZiko 10
     - 3.3.8. I-NEEDU 10
4. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-DBE 10
5. Isikhokelo sokuba uwusebenzisa kanjani umThetho 11
6. Ufikelelo kwiirekhodi ezigcinwe yi-DBE 11
   - 6.1. Ukuxela ngokuzenzekelayo 11
   - 6.2.INkcazo yeeRekhodi kunye neeNdidi zeeRekhodi ezigcinwe yi-DBE **Error! Bookmark not defined.**
   - 6.3. Inkqubo yesicelo 165
7. Ulungiselelo lokuvumela ukubandakanyeka koluntu ekwenziweni komgaqo-nkqubo kunye nokusetyenziswa kwamagunya 17
8. ULungiso oluFumanekayo ukuba amagatya alo mThetho awathotyelwanga 16
9. UkuSebenza ngoLwazi lobuQu 19
   - 9.1. INjongo yokuSebenza ngalo 19
   - 9.2. Iindidi zabaNtu beDatha kunye nezoLwazi lwabo lobuQu 20
   - 9.3. Iindidi zabaFumani ekuSebenzeni ngoLwazi lobuQu 23
   - 9.4. UkuDlula ngaPhaya kwemida koLwazi lobuQu 23
   - 9.5. AmaNyathelo oKhuselo loLwazi (icandelo le-19 lomThetho we-POPI) 23
   - 9.6. UkuXelwa koLwazi lobuQu 24

10. AmaLungelo abaNtu beDatha 24
10.1. Ilungelo lokufikelela kulwazi lobuqu (icandelo lama-23 lomThetho we-POPI) 24
10.2. Ilungelo lokuba ulwazi lobuqu lulungiswe okanye lucinywe (icandelo lama-24 lomThetho we-POPI) 25
10.3. Ilungelo lokwala ukuba kusetyenzwe ngolwazi lobuqu 25
10.4. Ilungelo lokwala ukuba kuthengiswe ngqo 25
10.5. Ilungelo lokwaziswa (icandelo le-18 nelama-22 lomThetho we-POPI) 25
10.6. Ilungelo lokukhalaza kuMlawuli woLwazi 25
11. Ukuhlaziya incwadi yokufundisa 25
12. Ukufumaneka kwencwadi yokufundisa 26
ISIHLOMELO A: Imali ehlawulwayo emiselweyo 27
ISIHLOMELO B: Ifom a: ISicelo soFikelelo kwiRekhodi leQumrhu likaRhulumente 29
ISIHLOMELO C: IFom B: ISaziso sesiBheno sangaPhakathi 33

1. Intshayelelo

UmThetho woFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000) (PAIA), othathwe kwicandelo lama-32 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMgaqo-siseko) wenza ukuba kusebenze ilungelo lomgaqo-siseko lofikelelo kulo naluphi na ulwazi wazi olugcinwe ngurhulumente okanye naluphi ulwazi olugcinwe nguye nawuphi omnye umntu, ngaphandle kokuba ulwazi olunjalo lufunelwa ukusebenzisa okanye ukukhusela naliphi na ilungelo.

ICandelo lama-32(1)(a) loMgaqo-siseko ligxininisa ilungelo lomntu wonke lokufumana ufikelo kulo naluphi ulwazi olugcinwe ngurhulumente.

Injongo ye-PAIA inemiba emibini:

1. Ukufaka inkcubeko yokungafihli kunye nokuthatha uxanduva kumaqumrhu karhulumente kunye nawabuvala ngokwenza kusebenze ilungelo lofikelelo kulwazi; kunye
2. nokukhuthaza ngamandla indawo yoluntu leyo abantu baseMzantsi Afrika nabofikelelo olusebenzayo kulwazi ukubenza ukuba basebenzise kwaye bakhusele onke amalungelo abo ngokuphelele ngokungaphaya.

Phambi kowama-27 Epreli 1994, inkqbo karhulumente elizweni yakhokelela kwinkcubeko yokufihla, ukungasabeli kumaqumrhu karhulumente kunye nawabucala, oko kaninzi kwakhokelela ekusetyenzisweni kakubi kwamagunya kunye nokugxojwa kwamalungelo oluntu.

I-PAIA yaqala ukusebenza ngowe-9 Matshi 2001.

2. Umbono, injongo neenqobo ezisemgangathweni zeSebe leMfundo esiSiseko (Department of Basic Education) (DBE)

Umbono

Umbono wethu nguMzantsi Afrika lowo bonke abantu bawo baza kuba nofikelelo ekufundeni ixesha elide, amathuba emfundo noqeqesho lawo, ngenye indlela, aza kuba negalelo ekuphuculeni umgangatho wobomi kunye nokwakha uMzantsi Afrika onoxolo, onempumelelo nonedemokrasi.

Injongo

Ukusebenza kunye namaphondo, injongo yethu kukubonelela ngemfundo efanelekileyo nesemgangathweni ephambili kwinkulungwane yama-21.

Iinqobo ezisemgangathweni

Ukubeka umdla wabantwana bethu kuqala, iSebe libambelele kwiinqobo ezisemgangathweni ezilandelayo:

- **Abantu:** Ukugcina uMgaqo-siseko, ukuthatha uxanduva kurhulumente kunye nasebantwini baseMzantsi Afrika.

- **Ukugqwesa:** Ukugcina imigangatho ephezulu yokusebenza kunye nobungcali ngokujolisa ekugqweseni kuyo yonke into esiyenzayo, kuquka ukuba nobulungisa, iinqobo ezisemgangathwnedi nokuthembeka kiuyo yonke into esiyenzayo.
- **Ukusebenza njengeqela:** Ukusebenzisana omnye nomnye kunye namahlakani ethu kwimfundo ngendlela engafihliyo nexhasayo ukuphumeza iinjongo ekwabelwana ngazo.
- **Ukufunda:** Ukuseka imibutho yokufunda leyo amalungu abasebenzi afuna kwaye abelane ngolwazi, ngexa ezibophelele ekukhuleni kobuqu.
- **Ukuvelisa okutsha:** Ukuzamela ukulungisa iimfuno zoqeqesho zenkonzo ekumgangatho ophezulu kunye nokufuna iindlela zokuphumeza iinjongo zethu.

3. Imisebenzi kunye nolwakheko lwe-DBE

3.1. Imisebenzi ye-DBE

Imisebenzi engundoqo ye-DBE njengeziko likarhulumente kukuphuhlisa kunye nokugcina inkqubo yezemfundo. I-DBE ke ngoko inoxanduva lokuphuhlisa umgaqo-nkqubo kunye nenkqubo-sikhokelo yomthetho ekubeni yeyiphi na inkqubo yezemfundo engcono, ukuqinisekisa ukuba –

(1) onke amanqanaba enkqubo abambelela kule migaqo-nkqubo kunye nemithetho;
(2) iindlela ziyasebenza zokubeka iliso kunye nokunyusa umgangatho wenkqubo; kunye
(3) nokuba inkqubo ihlala inolwazi ngophuhliso kwiinkqubo zemfundo.

3.2. Imisetyenzana eyenza imisebenzi

(1) UKUQWALASELA KWAKHONA KOPHANDO NOMGAQO-NKQUBO

I-DBE iqalisa, iyalele, ihole, iqwalasele kwakhona kewaye iphande yonke imiba yenkqubo yemfundo ukunceda ekuphuhliseni nasekugcineni inkqubo.

(2) UCWANGCISO NOPHUHLISO LOMGAQO-NKQUBO

I-DBE iqalisa kwaye ilawule iinkqubo ezikhokelela ekuphuhlisweni komgaqo-nkqubo kunye nomthetho wokunceda uMphathiswa ekumiseleni umgaqo-nkqubo, izithethe nemigangatho njengoko zifunwa nguMgaqo-siseko.

(3) INKXASO

I-DBE inika inkxaso kumaphondo ekuphumezeni kwawo umgaqo-nkqubo wesizwe, izithethe nemigangatho.

(4) UKUBEKA ILISO NOKUHLOLA

I-DBE ibeka iliso kwaye inike ingxelo ngokuphunyezwa komgaqo-nkqubo, izithethe nemigangatho ukuhlola iimpembelelo ngomgangatho wenkqubo yemfundo, kunye nokuchonga izikhewu zomgaqo-nkqubo.

(5) AMANGUNYA OMTHETHO KUNYE NANGAMANYE

Iqela lemigaqo-nkqubo liphunyeziwe, kwaye nomthetho wawiswa, ukudala inkqubo-sikhokelo yotshintsho kwezemfundo. Imigaqo-nkqubo engundoqo elandelayo kunye nomthetho zilawula imfundo (ngaphandle koMgaqo-siseko, zonke izinto ezidweliswe ngezantsi zivela kwi-DBE):

(a) UMgaqo-siseko ufuna ukuba imfundo itshintshwe kwaye yenziwe ibe yeyedemokrasi ngokungqinelana neenqobo ezisemgangathweni zesidima somntu, ulingano, amalungelo oluntu nenkululeko, ukungacaluli kunye nokungacaluli ngokwesini. Iqinisekisa ufikelelo kwimfundo esisiseko kubo bonke abantu: " wonke umntu unelungelo lemfundo esisiseko, kuquka imfundo esisiseko yabadala".

(b) Inkqubo-sikhokelo yomgaqo-nkqubo engundoqo yeSebe leMfundo esiSiseko ixelwe kwiPhepha leNgcaciso-nkqubo leSebe lokuqala, iMfundo noQeqesho kuMzantsi Afrika oneDemokrasi: AmaNyathelo okuQala okuPhuhlisa iNkqubo eNtsha (Februwari 1995). Inkqubo-sikhokelo yomgaqo-nkqubo wemfundo ka-1994 ye-ANC yenza isiseko solu xwebhu. Ikhabhinethi yawuvuma emva kokudibana okunzulu, uthetha-thethwano kunye nokujongwa kwakhona. Usebenze njengongqinisiso olungundoqo kuphuhliso lomgaqo-siseko nolomthetho.

(c) UmThetho woMgaqo-nkqubo weMfundo weSizwe, 1996 (umThetho wama-27 ka-1996) (National Education Policy Act) (NEPA), wayilelwa ukuba ufakwe kwimigaqo-nkqubo yomthetho, ngokunjalo namaxanduva omthetho kunye nawokubeka iliso oMphathiswa weMfundo esiSiseko, kunye nokwenza bube sesikweni ubudlelwane phakathi kweziphathamandla zesizwe nezamaphondo. Wabeka isiseko sokusekwa kweBhunga labaPhathiswa bezeMfundo (Council of Education Ministers) (CEM) neKomiti yeeNtloko zeKomiti zamaSebe eMfundo (Heads of Education Departments Committee) (HEDCOM) njengamaqumrhu aphakathi kurhulumente ajolise ekuhlanganyeleni ekuphuhliseni inkqubo yezemfundo entsha. Xa kunjalo, ubonelela ngokusekwa kwemigawo-nkqubo yesizwe jikelele kunye nangokusa phambili imfundo noqeqesho ngokuphathelene, phakathi kwezinye izinto, nekharityhulam, uhlolo nolwimi.

(d) UmThetho weziKolo waseMzantsi Afrika, 1996 (umThetho wama-84 ka-1996) (South African Schools Act) (SASA), ukhuthaza ufikelelo, ubulunga kunye nolawulo lwedemokrasi kwinkqubo yokufunda. Uqinisekisa ukuba bonke abafundi banofikelelo kwimfundo esemgangathweni kungekho kucalulwa, kwaye wenza ukuba kunyanzeleke ukufunda kubantwana ababudala buyiminyaka esixhenxe ukuya kweli-15. Ubonelela izikolo ezizimeleyo kunye nezikolo zikarhulumente. Wenza ulungiselelo lwamaqumrhu alawula izikolo (school governing bodies) (SGBs) anedemokrasi, kwaye ii-SGBs ngoku zikhona kuzo zonke izikolo zikarhulumente kwilizwe ngokubanzi. Izithethe zokuxhasa izikolo, ezichazwe kwi-SASA, zibeka phambili ukulungisa kwaye zijolise ebuhlwempini ngokuphathelene nokwabniuwa kwemali yenkqubo yezikolo zikarhulumente.

(e) Isipektram xa sisonke somthetho, kuquka umThetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (umThetho wama- 76 ka-1998), ulawula amaxanduva omsebenzi wobungcali, ukulunga neenqobo ezisemgangathweni kootitshala kunye neemfuneko zokufaneleka ezisebenzayo koototshala. Ukufundisa obekohluliwe ngokwembali ngoku kulawulwa ngumThetho wePalamente omnye kunye nalibhunga elinye lomsebenzi wobungcali, iBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (South African Council for Educators) (SACE).

(f) I-CAPS (i-Curriculum Assessment Policy Statements), yikharityhulam enye, ebanzi, enye nechaneke ngqo emele ingxelo yomgaqo-nkqubo yokufunda nokufundisa kwizikolo zaseMzantsi Afrika. Yikharityhulam exhasa iinkqubo ezahlukeneyo ezilandelwayo kwibanga ngalinye, ukusukela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12, oko kukuthi, ngendlela yayo, ixhasa imithetho-siseko elandelayo:
   (i) Utshintsho ekuhlaleni;
   (ii) ukucinga ngokubonakalayo nangokuhlalutyayo
   (iii) ulwazi oluphezulu kunye nezakhono eziphezulu;
   (iv) inkqubela phambili;
   (v) ukuhlonipha amalungelo oluntu kunye neenkqubo zolwazi lwemveli;
   (vi) ukuthembeka;
   (vii) umgangatho nokusebenza; kunye
   (viii) nolungiselelo lwemfundo olo, ngokomgangatho, ububanzi nobunzulu, lunokuthelekiswa kwimfundo enikwa kwamanye amazwe.

3.3. Ulwakheko lwe-DBE

I-DBE yohlulwe ngoko kubhekiselwa kuko "njengamaCandelo". Icandelo ngalinye, longanyelwe ngusekela mlawuli-jikelele, lohlulwe ngokungaphaya ngokwamacandelwana aziintloko. Amacandelana aziintloko ohlulwe kananjalo aba liqela lamacandelwana, lawo, ngenye indlela, ohlulwe aba ngamacandelwana anganeno. I-DBE inecandelo elinye kananjalo ekuthiwa yiyunithi, hayi icandelo.

ISebe linamacandelo asibhozo, njengoko kukhonjisiwe ngezantsi:

3.3.1. ICandelo A: IziMali noLawulo

Linika inkxaso yolawulo kwi-DBE.

IMISEBENZI:

(a) Ukunika iinkonzo zokufunwa kwabasebenzi abatsha nemicimbi yabasebenzi.
(b) Ukunika inkxaso ye-HR kumaphondo.
(c) Ukunika iinkonzo ezahlukeneyo kwiofisi kaMphathiswa.
(d) Ukunika iinkonzo zomthetho.
(e) Ukujonga uqeqesho lwabasebenzi kunye nobudlelwane babasebenzi.
(f) Ukujongana nemicimbi yobudlelwane kwezemisebenzi.
(g) Ukunika inkxaso yobuChwepheshe boLwazi ngeKhompyutha nge-GITO.
(h) Ukunika iinkonzo zequmrhu.
(i) Ukunika iinkonzo zezimali ngeofisi yeGosa eliyiNtloko leziMali.

3.3.2. ICandelo C: UMgaqo-nkqubo weKharityhulam, iNkxaso nokuBeka iLiso

Liphuhlisa umgaqo-nkqubo nenkxaso yekharityhulam nowohlolo, kwaye libeka iliso kwaye lihlole ukuphunyezwa kwekharityhulam. Lixhasa ngu-Umalusi.

IMISEBENZI:

(a) Liphuhlisa umgaqo-nkqubo wekharityhulam kumaBanga R ukuya kwele-12, kuquka neMfundo yeeMfuno eziKhathekileyo.
(b) Liphumeza umgaqo-nkqubo kunye nokugcina ikharityhulam kumaBanga R ukuya kwele-12, kuquka neMfundo yeeMfuno eziKhathekileyo, ukuphucula ukufunda nokufundisa.
(c) Ukunika inkxaso yomgaqo-nkqubo kwiintlobo ezahlukeneyo zeeprojekthi, kuquka iMibutho yokuFunda, iDinaledi, ii-ICT, NSLA ne-QIDS UP.
(d) Ukuqhuba iProjekthi yoLwazi lokuFunda iKha Ri Gude.

3.3.3. IYunithi eyoNgamele uCwangciso noFezekiso

Ukunceda iOfisi yoMphathiswa ne-DBE ukuba ihlangabezane neenjongo zesicwangciso.

IMISEBENZI:

(a) Ukunceda iOfisi yoMphathiswa ne-DBE ukuba ihlangabezane neenjongo zesicwangciso ngokuchonga kunye noulungisa iinkalo ezikhethiweyo zomngeni.
(b) Ukukhokela nokulawula iqela leengcali elikwinqanaba eliphezulu ukuba lilungise imingeni ekhethiweyo ukuze lizise unikezo lwemfundo olunempumelelo
(c) Ukomoleza uthabatho nxaxheba lwabo kusetyenziswana nabo ekuphuculweni komgangatho weziphumo zemfundo oko kusenziwa ngokusekwa lwamaziko asebenzayo e-QLTC kuwo onke amanqanaba enkqubo.

3.3.4. ICandelo P: UCwangciso, uLwazi noHlolo

Likhuthaza unikezo lweenkonzo ezisemgangathweni nezinempumelelo kwinkqubo yemfundo esisiseko oko kusenziwa nokuphunyezwa kocwangciso nohlolo. L:ixhaswa yi-NEEDU.

IMISEBENZI:

(a) Kukuqhuba ukubeka iliso nohlolo oko kusenziwa ngophando, amahlolo enkqubo, amahlolo esizwe, amahlolo amazwe ngamazwe kunye neemviwo zesizwe.
(b) Ukulawula izimali zecandelo lemfundo esisiseko kunye nocwangciso lwemithombo ngqo.
(c) Ukulawula iinkqubo zolawulo lolwazi zecandelo lemfundo esisiseko.

3.3.5. ICandelo S: UkuHlanganisa ngokwezeNtallo neeNkonzo zeNkxaso

Lihlanganisa onke amacandelo oluntu ekuxhaseni imfundo esisiseko kwaye liququzelela ulungiselelo lweenkqubo zokunika ulwazi kuphuhliso oluphele leyo kunye nempilontle yabo bonke abafundi.

IMISEBENZI:

(a) Ukukhuthaza intsebenziswano karhulumente neyabucala, ngokunjalo nentsebenziswano nee-NGO, ukuqinisekisa ukuba uluntu ludlala indima ekuphumezeni imfundo esemgangathweni kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

(b) Ukukhuthaza ukuba kuziwe ezikolweni kunye nempumelelo phakathi kwabafundi abasesichengeni ngokubanika izidlo ezinesondlo kusuku ngalunye lwesikolo.

(c) Ukuseka iimo ezingqongileyo ezikhuselekileyo zokufundisa nokufunda kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

(d) Ukuba negalelo ekugcinweni kwabafundi ngokunyusa inani lezikolo ezithabatha inxaxheba kwimisetyenzana yezemidlalo yezikolo eququzelelwe kakuhle kunye neenkqubo zemfundo zomculo.

(e) Ukuququzelela ukuchongwa kunye nokunyangwa kwangoko kwezithintelo zempilo ekufundeni.

(f) Ukuphucula ukusebenza nokugcinwa kwabafundi ngokuxhasa amaqumrhu alawula isikolo kunye neenkqubo zokuqeqesha ootitshala ukukhuthaza amalungelo oluntu, iyantlukwano kunye nokunamathelana kwezentlalo, ngaloo ndlela beququzelela ukugqwesa kwezemfundo kunye nokuncitshiswa kwabantwana abayeka isikolo.

(g) Ukuphucula ulingano ngokwesini ezikolweni.

(h) Ukonyusa ulwazi ngempilo yezesondo kunye neyokuzala, zakhono kunye nokwenziwa kwezigqibo phakathi kwabafundi, ootitshala kunye nabasebenzi abaxhasayo besikolo.

(i) Ukukhuthaza impilo ntle enxulumene neempembelelo zemiba yentlalo ekuziphatheni kunye nokuququzelela ufikelelo kwiinkonzo ezinxulumene neempembelelo zemiba yentlalo ezikolweni.

(j) Ukuhlanganisa uluntu kunye nabo bonke abasebenza noluntu ukuxhasa ukufunyanwa kwemfundo esemgangathweni.

3.3.6. ICandelo R: ISicwangciso, uPhando noNxibelelwano

Lixhasa ulungelelwaniso kunye nokuphunyezwa kwesebe, iinkqubo zokusebenza zecandelo ngokubanzi kunye nezeqela.

IMISEBENZI:

(a) Ukongamela ukuphunyezwa kweenkqubo kunye namaphulo esebe.

(b) Ukulawula ulungelelwaniso namaQela oo-DG, iPalamante neKhabhinethi.

(c) Ukuqhuba uyilo lwezicwangciso kunye nokunika ingxelo okunxulumene namanyathelo enkqubo kaRhulumente.

(d) Ukulungelelanisa iinkonzo zoMphathiswa, iPalamente, CEM, HEDCOM, uLawulo oluPhezulu kunye noLawulo ngokuBanzi.

(e) Ukulawula, ukubeka iliso kunye nokunika ingxelo ngabanikeli kunye nokunikwa kwenkxaso.

(f) Ukubeka iliso nokunika ingxelo ngokusebenza xa kukonke kwenkqubo yezemfundo oko kusenziwa ngemisetyenzana yohlalutyo, uphando, ukubeka iliso nokuhlola.

3.3.7. ICandelo T: OoTitshala, iMicimbi yabaSebenzi yezeMfundo kunye noPhuhliso lweZiko

Likhuthaza ukufundisa okusemgangathweni kunye nokusebenza kweziko oko kusenziwa ngabasebenzi abasebenza ngempumelelo, uphuhliso kunye nokusetyenziswa kwemicimbi enxulumene nabasebenzi ngokuhlanganyelana ne-ETDP SETA, i-ELRC ne-SACE.

IMISEBENZI:

(a) Ukujongana noyilo lwemicimbi enxulumene nabasebenzi, kuquka uLawulo lwe-HRMIS ne-HR.
(b) Ukulawula ulungiselelo lwezithuba ezikolweni zelizwe.
(c) Ukulawula ukufunwa kootitshala, ukubekwa ezikolweni, ukusiwa kunye nokusetyenziswa kuquka iFunza Lushaka.
(d) Ukuxhasa ootitshala ngendlela yoPhuhliso loMsebenzi wobuNgcali wooTitshala oluQhubayo kunye noPhuhliso loLawulo lweziKolo.
(e) Ukubeka iliso nokuxhasa uLawulo lokuSebenza kooTitshala kunye nohlolo lwezikolo.
(f) Ukulawula nokuququzelela ulungiselelo lweengxoxo zothetha-thethwano lwecandelo.

3.3.8. I-NEEDU

Injongo yoHlolo lweMfundo lweSizwe neYunithi yoPhuhliso kukuququzelela ukuphuculwa kwezikolo ngohlolo lwenkqubo. Iza kwenza oku, phakathi kwezinye izinto, ngokuchonga imiba ethintela impucuko ezikolweni kunye naleyo isa phambili impucuko ezikolweni.

Iza kuhlola kananjalo ukuba izibeka iliso njani na i-DBE kunye nee-PDE; izixhasa njani izikolo i-DBE nee-PDE; kunye nomgangatho wobunkokeli, ukufundisa kunye nokufunda ezikolweni.

Iza kwenza izindululo kananjalo zokuphuculwa komgangatho wezikolo kwaye iya kupapasha iingxelo ngemeko yenkqubo yemfundo.

Umthetho onxulumene ne-NEEDU kusetyenzwa ngawo okwangoku. Yakube igqityiwe inkqubo kwaye i-NEEDU isiba liqumrhu elisemthethweni ngokupheleleyo, ngeke ibe savela kulwakheko lwe-DBE.

4. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-DBE

IGosa loLwazi
Mnu HM Mweli, UMlawuli Jikelele Mweli.M@dbe.gov.za

USekela Gosa loLwazi:

Gqwetha Shalili D Misser, Chief Director: Legal and Legislative Services
Misser.S@dbe.gov.za

Ulwazi jikelele loqhagamshelwano

Idilesi yesitalato
Sol Plaatje House
222 Struben Street
Pretoria
0001

Idilesi yeposi
Private Bag X895
Pretoria
0001

Umnxeba: +27 12 357 3000 Iwebhusayithi https://www.education.gov.za

5. Isikhokelo sokuba uwusebenzisa kanjani umThetho

Ngokwecandelo le-10 le-PAIA, i-SAHRC kufunwa ukuba iqulunqe isikhokelo, ngolwimi ngalunye olusemthethweni, esiqulethe ulwazi olunjalo, ngohlobo oluqondeka ngokulula, njengoko sinokufunwa ngumntu ofuna ukusebenzisa ilungelo lakhe ngokwe-PAIA. Njengoko kukhonjisiwe ngasentla, isikhokelo siza kunceda abantu bengabanye ukuba basebenzise ilungelo ngokwe-PAIA, nakuba injongo yeNcwadi yokufundisa ikukunceda abantu ngabanye ukuba bafumane ufikelelo elwazini olugcinwe liqumrhu likarhulumente ngendlela esebenzayo nenempumelelo. ISikhokelo sokuba uyisebenzisa kanjani i-PAIA sifumaneka kwi-SAHRC. Imibuzo inokusiwa kwi-SAHRC kwi:

KwiKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika: IYunithi ye-PAIA
ICandelo loPhando namaXwebhu

Idilesi yeposi:
Private Bag 2700
Houghton
2041

Umnxeba: +27 11 877 3600 Ifeksi: +27 11 484 1360
I-imeyile: PAIA@sahrc.org.za lwebhusayithi: www.sahrc.org.za

6. Ufikelelo kwiirekhodi ezigcinwe yi-DBE

6.1. Ukuxela ngokuzenzekelayo

I-DBE ipapasha ngonyaka kwiGazethi kaRhulumente uluhlu lweendidi zeerekhodi ezifumaneka ngaphandle kwesicelo (njengeerekhodi ezinokufunyanwa ngaphandle kwemfuno yokulandela inkqubo yesicelo ye-PAIA), njengoko lifuna njalo icandelo le-15(2) lomThetho. Iintlobo zeerekhodi, iingxelo namaxwebhu zinokufunyanwa kwiwebhusayithi ye-DBE (https://www.education.gov.za).

6.2. INkcazo yeeRekhodi kunye neeNdidi zeeRekhodi ezigcinwe yi-DBE

(1) IIREKHODI EZIGCINWE LICANDELO A: ICANDELO LOBUQU:

(a) UCwangciso lweMicimbi eNxulumene nabaSebenzi, uLawulo lweNgqesho nokuSebenza
(b) UPhuhliso lweMicimbi eNxulumene nabaSebenzi
(c) ULawulo lweMo eNgqonge uTshintsho neNdawo yokuSebenza
(d) UPhuhliso lweQumrhu, ukuHlelwa kweMisebenzi noMbutho omNcinane kaRhulumente
(e) Imivuzo, iiMeko zeNgqesho neeNkqubo zeMicimbi eNxulumene nabaSebenzi
(f) Uthetha-thethwano, ezobuDlelwane babaSebenzi noLawul lweMbambano

(2) IIREKHODI EZIGCINWE LICANDELO A: ICANDELO LEZIMALI:

(a) Iintelekelelo zenkcitho yesizwe (uhlahlo lwabiwo-mali njengoko luthiwe thaca ePalamente ngonyaka nguMphathiswa wezeMali) kunye nohlahlo lwabiwo-mali lwe-DBE. Olufunyanwa kwiCandelwana lezoNxibelelwano, National Treasury, Private Bag X115, Pretoria 0001, umnxeba 012 315 5948. Lufumaneka kananjalo ku-www.treasury.gov.za.
(b) Ingxelo yonyaka ye-DBE: Le iquka iingxelo zemali ze-DBE kunye nengxelo yophicotho-ncwadi kwezi ngxelo, ngokunjalo nengxelo yolawulo.
(c) Jikelele: Olunye ulwazi kunye nolucazululwe ngokungaphaya lwezimali, olufana nenkcitho ngokunxulumene neprojekthi ethile.

(3) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO A: IREJISTRI JIKELELE**:
IREJISTRI JIKELELE ngumgcini wazo zonke iirekhodi ezenziwe kwaye zafunyanwa yi-dbe (imbalelwano namaxwebhu), igcina zonke iifayile kwinkqubo yokufayila zihlelwa ngokwemisetyenzana ye-dbe. uluhlo ngalunye kwali-15 akhoyo lunomgaqo-nkqubo kunye nefayile yemibuzo yesiqhelo. inkqubo yokufayila okwangoku inezintlu ezingundoqo ezili-15, kodwa linokunyuka eli nani njengoko ikhula i-dbe. iirekhodi ezilandelayo zigcinwa kwirejistri jikelele:

(a) Umthetho
(b) Imicimbi yomthetho

(c) Umbutho nolawulo
(d) ULawulo lweziMali
(e) Uphicotho-ncwadi lwangaphakathi kunye nophicotho ncwadi lwangaphandle
(f) Ulawulo nophuhliso lwabasebenzi
(g) IiNkonzo zeQumrhu
(h) IiNkonzo zoLwazi ngeKhompyutha nezoLwazi
(i) Unxibelelwano, ulungelelaniso nokwazisa
(j) Ulungelelaniso lwesizwe/lwamaphondo nobudlelwane nehlabathi
(k) Ukuphumeza nokubeka iliso kwikharityhulam
(l) Ukunyuswa komgangatho
(m) Imfundo yootitshala, uphuhliso lwe-HR nolweziko
(n) Ucwangciso, uhlolo, ukubeka iliso nohlolo
(o) Uxanduva lwezentlalo kunye neenkonzo ezincedisayo

(4) IIREKHODI EZIGCINWE LICANDELO A: ICANDELWANA **ELIYINTLOKO LEZOMTHETHO NOKUNXULUMENE NOMTHETHO:**

(a) Izivumelwano zomthetho (iiKontraki amaXwebhu eziVumelwano Phakathi kwamaQela, iziVumelwano zeNqanaba leNkonzo kunye neziVumelwano zeHlabathi)
(b) Iirekhodi zomangalelwano
(c) Umthetho osetyenziswa yi-DBE (ongundoqo nonganeno)
(d) Iirekhodi ze-PAIA

(5) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO P:** ICANDELWANA **LEEMVIWO NOHLOLO**

(a) Imigaqo-nkqubo, imimiselo nezikhokelo ezinxulumene neemviwo.
(b) Amaphepha emibuzo asetiweyo kwisizwe e-SC ne-NSC (kunyaka esikuwo kunye neminyaka edlulileyo).
(c) Ulwazi lwababhala iimviwo – ulwazi lwababhala iimviwo abaza kube bebhala uviwo lwangoku.
(d) Amanqaku afunyenwe ngabafundi kuviwo lwanmgoku kunye nakwiimviwo zangaphambili, ngesifundo, ngephepha.
(e) Iziphumo zokugqibela zoviwo zabo bonke abebebhala; ezi ziphumo ziquka amanqaku angalungiswanga ngokunjalo namanqaku alungisiweyo.
(f) Idatha yokunika izitifiketi, kuquka idatha yabo bonke ebebebhala abanikwe izitifiketi zeemviwo ze-SC neze-NSC (ngoku kunye nokubuyela emva ukuya ku-1920 kumasebe ezemfundo angaphambili).
(g) Iinkcukacha manani jikelele zeemviwo ngokunxulumenene nokusebenza kwabafundi kwinqanaba lesizwe, lephondo, lesithili nelesikolo.
(h) Iingxelo ngokubekwa iliso kwiinkqubo zeemviwo kunye nenkqubo kwii-PED.
(i) INgxelo yobuChwepheshe ekusebenzeni kwiimviwo ze-NSC.

(6) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO P:** ICANDELWANA **LOHLOLO LESIZWE**

(a) Iimvavanyo zoHlolo zeSizwe zoNyaka (Annual National Assessment) (ANA) ezenziwa kumabanga eloku-1 ukuya kwelesi-6 nele-9 (ngo-2011 no-2012).

(b) Izikhokelo zohlolo ze-ANA.
(c) Iziphumo ze-ANA zika-2011 no-2012 (isizwe, iphondo, isithili, isikolo nomfundi).
(d) II-iNgxelo zobuChwepheshe ze-ANA zika-2011 no-2012.
(e) Iimvavanyo ezingumzekelo kumabanga eloku-1 ukuya kwelesi-6 kunye nele-9 (ngo-2011 no-2012).
(f) I-ANA - Izikhokelo zokutolikwa kunye nokusetyenziswa kweziphumo ze-ANA.

(7) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO P: IINKQUBO ZOLAWULO LOLWAZI ZEKHOMPYUTHA ZEMFUNDO**

(a) I-EMIS inika iinkcukacha manani zemfundo kuzo zonke izikolo zaseMzantsi Afrika (idatha engalungiswanga ngeprotokoli echanekileyo) kokulandelayo:
  (i) Ulwazi jikelele lwesikolo: inkcukacha zoqhagamshelwano;
  (ii) Ulwazi lwesikolo lwe-ICT;
  (iii) Ukubhaliswa kwabafundi kuhlelwa njengokulandelayo;
    - ngebanga, isini, iqela labemi; imfuduko kwiphondo; ubumi, ulwimi lwasekhaya (home language)(HL); ULwimi lokuFundisa nokuFunda (Language of Teaching and Learning) (LOLT), isifundo esithathiweyo
    - Ukubhaliswa kwabafundi abanokukhubazeka;
    - Abafundi abaphinda ibanga;
    - Ukunyuselwa kwabafundi;
    - Abafundi abafumana izibonelelo;
    - Ukusweleka kwabafundi;
    - Abafundi abaswelekelwe ngabazali;
    - Ukusebenza kwabafundi ngesifundo kunye nangebanga;

(b) ULuhlu olunguNdoqo oluhlaziyiweyo kwizikolo zaseMzantsi Afrika.
(c) Ifasilithi yokuphumeza amaphando ezikolweni. Iimodyuli ezongezwe kwiphepha lemibuzo le-EMIS okanye iNkqubo yokuLawula nokuPhatha iziKolo zaseMzantsi Afrika.
(d) Iingxelo neemaphu zohlalutyo lwezithuba.
(e) UMgaqo-nkqubo kunye neMigangatho yeMfundo yeSizwe yoku –
  (i) ISichazi magama seMfundo;
  (ii) UMgangatho wobuLunga beDatha;
  (iii) IMigangatho yokuFakwa iKoowudi kweDatha;
  (iv) IMigangatho yokuQinisekiswa kweDatha;
  (v) IMigangatho yokuPapashwa kweeNkcukacha manani; kunye
  (vi) neMigangatho yoLuhlu olunguNdoqo kumaZiko aNika iiNkonzo zeMfundo esiSiseko.

(8) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO P**: ICANDELWANA **LOCWANGCISO NGQO**

(a) Ifayile ye-NEIMS equlethe uhlobo kunye nemeko yezakhiwo ezikolweni.
(b) Iifayile ze-EIG eziqulethe ulwazi kulawulo kunye nokudluliswa kwesibonelelo.
(c) Ifayile yoMgaqo-nkqubo, iziThethe neMigangatho equlethe ulwazi ngeziKhokelo eziNxulumene noCwangciso lwezaKhiwo zeziKolo neefasilithi zokuBhoda.

(9) IIREKHODI EZIGCINWE **LICANDELO P**: IPROJEKTHI YE-**ASIDI**

(a) I-ASIDI IPMP iqulethe izicwangciso ze-ASIDI.
(b) UXwebhu lweSivumelwano Phakathi kwamaQela olusayinwe ziiarhente eziphumezayo.
(c) I-IPIP26 iqulethe izicwangciso zeearhente eziphumezayo
(d) IiNgxelo zeNkqubela ziqulethe ulwazi ngenkqubela eyenziwe kwisikolo ngasinye kwizakhiwo kunye nasezimalini.
(e) Imizuzu yeentlanganiso ifaka iinkqubo zazo zonike iintlanganiso ezibanjwe ziikomiti ezahlukeneyo ze-ASIDI.
(f) IiNgxelo yerekhodi zazo zonke iinkcukacha zeprojekthi ifaka zonke iinkcukacha zeeprojekthi ezigqityiweyo ngokwezakhiwo ezingenakususwa ezinikiweyo.

(10) IIREKHODI EZIGCINWE LICANDELO P: ICANDELWANA ELIBEKA ILIZO KUHLAHLO LWABIWO-MALI LWAMAPHONDO

(a) Izithethe nemigangatho yenkxaso efakwe kwiGazethi.
(b) Uhlahlo lwabiwo-mali nenkcitho yenyanga yee-PED.
(c) Idatha ecelwe yi-UNESCO.

(11) IIREKHODI **EZIGCINWE LICANDELO T: IMFUNDO YOKUQALA YOOTITSHALA, UBUDLELWANE BEZABASEBENZI KUNYE NOCWANGCISO LWEMICIMBI ENXULUMENE NABASEBENZI,** AMACANDELWANA **ELEMALI EBEKELWE BUCALA NOKUBEKA ILISO**

(a) Imigaqo-nkqubo nezikhokelo ezinxulumene neNkqubo yemali yokufunda yeFunza Lushaka
(b) Uluhlu lwabanikwe imali yokufunda yeFunza Lushaka
(c) IziVumelwano zoThetha-thethwano ezenziwe kwi-ELRC
(d) Imizuzu yeentlanganiso zeekomiti ezinganeno ze-HR.
(e) Ingxelo zokubeka iliso zamaphondo kwiiNkqubo zoLawulo lokuSebenza kooTitshala, iuPhuhliso lwezaKhono kunye noHlolo luPhelele lweziKolo.
(f) Iidawunlowudi zenyanga ze-PERSAL eziqulethe idatha yabasebenzi kwicandelo (DBE) kunye nawo onke olithoba (9) amaSebe amaphondo
(g) UVimba weeNkcukacha wokuFuna abaSebenzi weSizwe (National Recruitment Database) (NRD) oqulethe ootitshala abafuna ingqesho kwizikolo zikarhulumente.

(12) IWEBHUSAYITHI YE-DBE, https://www.education.gov.za iqulethe, phakathi kwezinye izinto, ulwazi olulandelayo olufumaneka ngaphandle kwesicelo (oluxelwa ngokuzithandela):
(a) ISicwangciso sokuSebenza soNyaka se-DBE
(b) Naluphi na uncwadi olujoliswe ukuba lubonwe luluntu olunokuba lupapashiwe
(c) Iincwadana
(d) Iibrosha
(e) Amaphepha eemviwo
(f) Iifom
(g) Kwiimeko ezithile, imathiriyeli yoqeqesho leyo iSebe liyinika ngexa leentlanganiso zokwabelana ngamava

(h) Ulwazi ngeenkqubo ze-DBE
(i) Amaphetshana
(j) Umthetho opapashwe yi-DBE
(k) Imathiriyeli yokwazisa
(l) Iindaba ezikhutshelwe abachola-choli bazo
(m) IiNgxelo zeKharityhulam zeSizwe kunye nenye imathiriyeli enxulumene nekharityhulam
(n) Amanqaku eendaba
(o) Amaphetshana
(p) Iiposta
(q) Iingxelo, kuquka iingxelo zonyaka
(r) Iintetho
(s) UYilo lweSicwangciso lwe-DBE

6.3. Inkqubo yesicelo

(1) UKUVUNYWA OKANYE UKUKHATYWA KWESICELO

(a) Umceli uya kunikwa ufikelelo kwirekhodi lequmrhu likarhulumente ukuba –
  (i) umceli uthobela zonke iimfuneko zeenkqubo ezikumThetho ngokunxulumene nesicelo sofikelelo kwelo relhodi; kwaye
  (ii) Ufikelelo kwelo rekhodi alukhatywa phantsi kwayo nayiphi na imihlaba ekhankanywe kumThetho.

(2) UFIKELELA NJANI KWIREKHODI (ULWAZI)

(a) Umceli kufuneka asebenzise iFom A eshicilelwe *kwiGazethi kaRhulumete* [iSaziso sikaRhulumente R.187 kwiGazethi yowe-15 Februwari 2002]
(b) Umceli kufuneka akhombise ukuba isicelo sesekopi yerekhodi na okanye umceli ufuna ukungena kwaye ajonge irekhodi kwii-ofisi ze-DBE. Ngenye indlela, ukuba irekhodi ayiloxwebhu, inokubonwa ngohlobo oluceliweyo, apho kwenzekayo.
(c) Ukuba umceli ucela ufikelelo ngohlobo oluthile makanikwe ufikelelo ngolo hlobo alucelileyo, ngaphandle kokuba ukwenza oko kunokuphazamisana ngokungafanelekanga nokuqhutywa kwe-DBE, konakalise irekhodi, okanye kophule ilungelo lomenzi elimnini walo ingenguye urhulumente. Ukuba ngesizathu esibonakalayo ufikelelo ngeke lunikwe ngohlobo olufunwayo kodwa lunokunikwa ngendlela eyenye, imali ehlawulwayo ke kufuneka ibalwe ngokwendlela ekhoinjiswe kwisicelo somceli.
(d) Ukuba, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo kwisicelo serekhodi, umceli ufuna ukuxelelwa ngesigqibo ngayo nayiphi na enye indlela, umzkl. umnxeba, oku kufuneka kukhonjiswe.
(e) Ukuba ngaba umceli ucela ulwazi egameni lomnye umntu, amandla lawo senziwa ngawo isicelo ngumceli kufuneka akhonjiswe.
(f) Ukuba umceli akakwazi ukufunda nokubhala, okanye unokukhubazeka, unokwenza isicelo serekhodi ngomlomo. Igosa lolwazi okanye usekela gosa

lolwazi kufuneka agcwalise ifom egameni lomceli onjalo kwaye kufuneka amnike ikopi.

(g) Ukuze ube nofikelelo kulwazi olugcinwe yi-DBE, kufuneka isicelo singeniswe kuMlawuli-Jikelele, uMnu HM Mweli, ku- Mweli.H@dbe.gov.za.

(h) Izicelo kufuneka ziqhotyoshelwe kubantu abalandelayo:
Gqwetha Shalili D Misser, Sekela Gosa loLwazi ku-Misser.S@dbe.gov.za;

.

(3) IMALI EHLAWULELWA ISICELO KUNYE NESAZISO SESIGQIBO KUFIKELELO

(a) Kukho iintlobo ezimbini zemali ehlawulwayo ekufanele ihlawulwe ngokomThetho: imali ehlawulelwa ukucela, kunye nemali ehlawulelwa ufikelelo.

(b) Umceli ofuna ufikelelo kwirekhodi eliqulethe ulwazi lobuqu ngalo mceli akufunwa ukuba ahlawulele isicelo esinjalo. Umceli onjalo kuthiwa ngumceli wobuqu. Umceli ngamnye ongomnye kufuneka ahlawule imali ehlawulelwa isicelo.

(c) Igosa lolwazi okanye usekela gosa lolwazi uya kwazisa umceli (ngaphandle komceli wqobuqu) ngesixa esiza kubizwa ngesicelo, kwaye unokufuna ukuba umceli ahlawule imali emiselweyo phambi kokuba kusetyenzwe ngesicelo.

(d) Imali ehlawulelwa isicelo kwi-DBE ngama-R35. Ukuba akonwabanga ngale mali ihlawulwayo umceli, unokufaka isibheno sangaphakathi kwi-DBE okanye isicelo enkundleni ngokuchasene nemali ehlawulelwa isicelo.

(e) Emva kokuba igosa lolwazi okanye usekela gosa lolwazi enze isigqibo ngesicelo, umceli uya kwaziswa ngesigqibo esinjalo ngendlela leyo akhethe ukwaziswa ngayo umceli.

(f) Ukuba isicelo sinikwe, imali ehlawulwayo engaphaya - imali ehlawulelwa ufikelelo kufuneka ihlawulelwe ukukhangela okanye ukuvelisa kwakhona irekhodi. Ukuba ngaba kuthatha, okanye kuza kuthatha, ngaphezulu kweyure ukugqiba le misebenzi, i-DBE ivunyelwe ukuba irhafise, njengenxenye yemali ehlawulelwa ufikelelo, i-R15 ngeyure nganye echithiweyo ekulungiseni irekhodi.

(g) Uluhlu olupheleleyo lwemali ehlawulwayo eza kuhlawulwa xa iirekhodi ziceliwe kwiqumrhu likarhulumente luvela kwiSihlomelo A kule Ncwadi yokufundisa.

7. Ulungiselelo lokuvumela ukubandakanyeka koluntu ekwenziweni komgaqo-nkqubo kunye nokusetyenziswa kwamagunya

Imithetho eyahlukeneyo kwimfundo imisela ukuba ukudibana kufuneka kwenziwe nabantu okanye amaqumrhu achongiweyo. Kwiimeko ezithile, iinkqubo zokudibana zimiselwe kananjalo. Kwi-DBE, imigaqo-nkqubo equlunqiweyo ipapasha *kwiGazethi kaRhulumente* ukuze kunikwe izimvo jiekelele nabo kukho indima abayidlalayo kunye naluluntu ngokubanzi. Kwimeko yamaphulo omgaqo-nkqubo ngqo, umgaqo-nkqubo uya kuxoxwa ezintlanganisweni nabo kukho indima abayidlalayo okanye uchotshelwe ezintlanganisweni zeengxoxo. Isaziso seentlanganiso okanye ukuchotshelwa okunjalo siya kusoloko sinikwa kwangaphambili.

8. ULungiso oluFumanekayo ukuba amagatya alo mThetho awathotyelwanga

Iinkqubo ezilandelayo zikhona ebantwini ukuba baxele okanye balungise ingxaki esolwayo, izenzo ezisemthethweni okanye ukungenziwa okungafanelekanga yi-DBE okanye ngutye nawuphi kubasebenzi bayo.

8.1. Ulungiso ngokunxulumene nezenzo okanye iintsilelo zokwenza ngokwe-PAIA, 2000:

(1) Ugunyaziwe wezibheno wangaphakathi (ugunyaziwe obandakanyekayo) ngeenjongo zalo mThetho nguMphathiswa. Umceli unokufaka isibheno esebenzisa iFom B. Emva kokugqiba ulungiso lwesibheno sangaphakathi, isicelo sinokungeniswa enkundleni (amacandelo elama-78 ukuya kuma–82).

(2) Umsebenzi karhulumente unokufaka isikhalazo ukuba siphandwe yiKomishoni yeNkonzo kaRhulumente ngokuphathelene nesenzo esisemthethweni okanye ukungenziwa kwaso (icandelo lama-35 lomThetho weNkonzo kaRhulumente, 1994. [INomboilo yesiBhengezo 103 aika-1994]).

(3) Umntu unokusebenzisa uncedo lwezemisebenzi ngokuphathelene nezenzo ezisemthethweni okanye ukungenziwa okumayela nemisebenzi - eyile imbambano yamalungelo (umThetho weNkonzo kaRhulumente, 1994, kunye nomThetho wezabaSebenzi, 1995 (umThetho wama-66 ka-1995)).

(4) Umntu unokufaka isikhalazo kumhloli wezemisebenzi ngokuphathelene nolwaphulo olusolwayo lomThetho weeMeko eziSisiseko zeNgqesho, 1997 (umThetho wama-75 ka-1997 icandelo lama-78(1)(a), okanye umThetho wobuLungisa kwiNgqesho, 1998 (umThetho wama-55 ka-1998 - icandelo lama-34(e).

(5) Umntu unokufaka isikhalazo kuMkhuseli woluNtu ngokuphathelene nesenzo esikrokrelwayo esingekho mthethweni okanye esingafanelekanga okanye ukungenziwa (uMgaqo-siseko kunye nomThetho woMkhuselo woluNtu, 1994 (umThetho wama-23 ka-1994]).

(6) Nawuphi na umntu ofaka isikhalazo kwi-SAHRC ngokuphathelene nesenzo esisemthethweni okanye ukungenziwa kwaso ekukrokelwa ukuba sigxobha okanye sisongela naliphi na ilungelo elingundoqo (umThetho wamaLungelo oluNtu, 1994 (umThetho wama-54 ka-1994]).

(7) Ukuze ukhuselwe kwimpindezelo ngenxa yokuxela ngokuphathelene nokuziphatha okungekho mthethweni okanye okungafanelekanga ngumqeshi okanye ugxa osebenza naye, umntu obandakanyekayo unokulandela iinkqubo zokuxela ezibekwe kumThetho wokuXela okuKhuselweyo, 2000 (umThetho wama-26 ka-2000).

(8) Umntu unokusebenza olunye uncedo lomthetho olufana neenkqubo zeziko kuqwalwaselo kwakhona ngumthetho lwamanyathelo olawulo ngokomThetho wokuKhuthazwa koLawulo lobuLungisa, 2000 (umThetho wesi-3 ka-2000).

8.2. Olunye uncedo oluxhasayo

(1) Umntu unokucela izizathu zenyathelo lolawulo ngokomThetho wokuKhuthazwa koLawulo lobuLungisa, 2000 (icandelo lesi-5).

(2) Nawuphi na umntu unokucela ufikelelo kwiirekhodi zesebe likarhulumente okanye iqumrhu likarhulumente ngokwe-PAIA, 2000 (icandelo le-11).

8.3. Umsebenzi wokuxela

(1) IKhowudi yokuziPhatha yabaSebenzi bakaRhulumente, epapashwe yiKomishoni yeNkonzo kaRhulumente ithi, ukuba, ekwenzeni imisebenzi yakhe esemthethweni, umsebenzii wenkonzo karhulumente udibanano nobuqhetseba, urhwaphilizo, ukuqesha izihlobo, ulawulo olugwenxa okanye nasiphi na isenzo esenza ityala okanye esigwebayo kokusemdleni woluntu, kufuneka awuxele umba onjalo

kwiziphathamandla ezifanelekileyo. Umsebenzi osilelayo ukwenza njalo unetyala lokungaziphathi kakuhle.

(2) Uxanduva lomqeshi nomsebenzi ngamnye lokuxela ukuziphatha okunolwaphulo-mthetho nokungafanelekanga emsebenzini luxhasa kananjalo umThetho wokuXela okuKhuselweyo, 2000 (Isingeniso).

9. UkuSebenza ngoLwazi lobuQu

ISahluko sesi-3 somThetho we-POPI sibonelela ngobuncinane bemiQathango ngokuSetyenzwa ngokusemThethweni koLwazi lobuQu liQele elinoXanduva. Le miqathango ngeke yehliswe ngaphandle kokuba okukhutshelwa ngaphandle okuthile kuyasebenza njengoko kuchaziwe kumThetho we-POPI.

Iqela elinoxanduva kufuneka liqinisekise ukuba imiqathango ebekwe kwiSahluko sesi-3 somThetho we-POPI kunye nawo onke amanyathelo awenza kusebenze imiqathango enjalo, iyathotyelwa ngexesha lokumiselwa kwenjongo kunye endlela yokusetyenzwa kunye nokusetyenzwa ngokwako.

I-DBE maxa onke, ekuthobeleni kwayo icandelo lesi-5 lomThetho we-POPI iqinisekisa ukuba uLwazi lobuQu lomNtu weDatha—

(a) kusetyenzwa ngalo ngokusemthethweni, ngokufanelekileyo nangokungafihliyo;
(b) kusetyenzwa ngalo kuphela ngeenjongo ezo luqokelelelwe zona;
(c) ngeke kusetyenzwe ngalo ngeenjongo ezinganeno ngaphandle kokuba oko kusetyenzwa kuthelekiswa nenjongo yokuqala;
(d) lwanele, lubalulekile kwaye alugqithisanga ngeenjongo ezo luqokelelelwe zona;
(e) luchanekile kwaye lugcinwa luhlaziywa;
(f) ngeke lugcinwe ngaphezu koko kuyimfuneko;
(g) kusetyenzwa ngalo ngokungqinelana nemithetho-siseko yemfezeko neyobumfhlo; oko kuquka amanyathelo obuqu nawombutho okuqinisekisa ukuba uLwazi lobuQu, ngazo zombini iintlobo olukhona ngqo kunye nolukwi-eletroniki, luxhomekeke kwinqanaba elifanelekileyo lokhuselo xa lubekwa, lusetyenziswa kwaye kunxityelelwana ngalo kwi-DBE, ukuze lukhuselwe kufikelelo okanye ekufunyanweni ngabantu abangagunyaziswanga kunye nokulahleka ngengozi, ukutshabalala okanye umonakalo;
(h) kusetyenzwa ngalo ngokungqinelana namalungelo abaNtu eDatha.

9.1. INjongo yokuSebenza ngalo

ULwazi lobuQu kunokusetyenzwa ngalo kuphela kwinjongo ethile.
I-DBE isebenzisa uLwazi lobuQu oluphantsi kokhathalelo lwayo ngeendlela ezilandelayo:

- Ulawulo lwabasebenzi;
- Ukugcina iirekhodi zabafundi notitshala;
- Ukugcina iirekhodi zabaniki sitokhwe nababoneleli ngeenkonzo;
- Ukugcina iirekhodi zabo kusetyenziswana nabo kwimfundo esisiseko;
- Ukuthobela imithetho yerhafu.

9.2. Iindidi zabaNtu beDatha kunye nezoLwazi lwabo lobuQu

Idatha enofikelelo lwayo i-DBE ibanzi. Uninzi lwayo ‘yidatha yobuqu’ ngokomThetho we-POPI. Ingakumbi, inombolo yesazisi enamanani ali-13 yabafundi nabasebenzi, ngokunjalo namagama abo, isini, kunye nomhla wokuzalwa zinokufunyanwa kule datha. Amasebe emfundo amaphondo afuna ulwazi lobuqu ngeenjongo zokusebenza, kwaye nanjengomthombo woninzi lwedatha ye-DBE idatha yamasebe amaphondo, ulwazi lobuqu luqukiwe.

NgokomThetho woMgaqo-nkqubo weMfundo weSizwe (National Education Policy Act) (NEPA), ukusetyenziswa kwedatha yi-DBE kunyinelwe ekubekeni iliso kunye nokuhlola inkqubela ukuze kuthotyelwe uMgaqo-siseko kunye nomgaqo-nkqubo wesizwe wemfundo. Idatha inokuqokelelwa kwi-EMIS okanye ngezinye iindlela ezifanelekileyo, ngentsebenziswano namasebe emfundo amaphondo. Ukusetyenziswa kweenombolo zeeselula zootitshala kufuneka kunyinwe.

Idatha yobuqu enayo i-DBE iyafunwa, okubalulekileyo, ngeenjongo zohlalutyo kunye nokuzalisekisa izibophelelo zokubeka iliso ze-NEPA. Ingakumbi, ulwazi lobuqu lufunwa xa imithombo eyohlukeneyo yedatha kufuneka idityaniswe. Umzekelo, ukuba ngaba kufuneka kuqhutywe uhlalutyo lokuba baqhube kakuhle kanjani na abo bebebhala uviwo lweBanga le-12 kumaBanga angezantsi kwaweBanga le-12, idatha yeemviwo zeBanga le-12 kufuneka idityaniswe kwiiseti zeedatha ezahlukeneyo ezifaka amabanga asezantsi.

Kuhlala kuyimfuneko ukusebenzisa izinto ezininzi ezingafaniyo ekudibaniseni imithombo yedatha kuba okunye okungafaniyo ngokwako kuyakubonisa ukunyina. Njengokuba, inombolo yesazisi enamanani ali-13 idibanisa abafundi abaninzi kuzo zonke iimviwo zeBanga le-12 kunye neeseti zedatha zaphambi kweBanga le-12, kodwa hayi zonke, njengoko ezithile zeenombolo zezazisi zingekhoyo. Kule meko, ukusetyenziswa kwamagama kunye nemihla yokuzalwa zinokusetyenziswa ukuvala isikhewu, kodwa kananjalo ukuqinisekisa ukuchaneka kwenombolo yesazisi yesizwe. Okubelulekileyo, umsebenzi wokubeka iliso ekubhekiselwe kuwo apha awukaze ubandakanye ukuxelwa kolwazi lobuqu kwiingxelo ze-DBE ezikhutshwa njengenxenye yenkqubo. Iingxelo ziya kubonisa kuphela iinkcukacha manani kwinqanaba lokupheleleyo okunxulumene, umzekelo, amazinga okuyeka isikolo.

AbaSebenzi abakwezoLawulo	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi eyesitalato neyeposi; umhla wokuzalwa; inombolo ye-ID; Ulwazi olunxulumene nerhafu; ulwazi lwesalamane; ulwazi lobuqu lomlingane; ubuzwe; isini; imbalelwano eyimfihlo; ukuqinisekiswa kolwazi lomfaki sicelo ngexa lenkqubo yokufunwa kwabasebenzi abatsha; ukuqinisekiswa kolwazi olunxulumene nomsebenzi oqhuba ushishino noRhulumente; imiba jikelele enxulumene nabasebenzi

	enokuquka: Iibhenefithi jikelele; Umhlalaphantsi; Isikim sezonyango; Umqulu woluhlu lwabantu abahlawulwayo; Amanyathelo oluleko; kunye Qeqesho.
Abafundi	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi eyesitalato neyeposi; umhla wokuzalwa; inombolo ye-ID; ulwazi lobuqu lwesalamane; ubuzwe; isini; imbalelwano eyimfihlo
Ootitshala	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi eyesitalato neyeposi; umhla wokuzalwa; inombolo ye-ID; Ulwazi olunxulumene nerhafu; ulwazi lwesalamane; ulwazi lobuqu lomlingane; ubuzwe; isini; imbalelwano eyimfihlo; ukuqinisekiswa kolwazi lomfaki sicelo ngexa lenkqubo yokufunwa kwabasebenzi abatsha; ukuqinisekiswa kolwazi olunxulumene nomsebenzi oqhuba ushishino noRhulumente; imiba jikelele enxulumene nabasebenzi enokuquka: Iibhenefithi jikelele; Umhlalaphantsi; Isikim sezonyango; Umqulu woluhlu lwabantu abahlawulwayo; Amanyathelo oluleko; kunye Uqeqesho;
Abantu ekusetyenziswana nabo	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; igama lombutho; iidilesi eyesitalato neyeposi zombutho; imbalelwano eyimfihlo
AbaBoneleli ngeeNkonzo	Amagama; iinkcukacha

	zoqhagamshelwano; igama lombutho; iidilesi eyesitalato neyeposi zombutho; imbalelwano eyimfihlo; Ulwazi olunxulumene nerhafu Ukuqinisekisa ulwazi kunye nokwenza ungqinisiso kunye nolunye ukhangelo olumiselweyo; iinjongo ezinxulumene nesivumelwano okanye ubudlelwane bezoshishino okanye isivumelwano esinokuba khona okanye ubudlelwane bezoshishino phakathi kwamaqela; intlawulo yeeinvoyisi; ukuthobela ulawulo kunye nezinye izibophelelo zeSebe.
Abazali babaFundi	Amagama; iinkcukacha zoqhagamshelwano; iidilesi eyesitalato neyeposi; inombolo ye-ID; Ulwazi olunxulumene nerhafu; ulwazzi lobuqu lomlingane; uLwazi lweziMali; ubuzwe; isini; imbalelwano eyimfihlo

9.3. Iindidi zabaFumani ekuSebenzeni ngoLwazi lobuQu

ISebe ligcine ulwazi egameni likaRhulumente kwaye ke ngoko aliniki lwazi lobuqu nawuphi na umbutho okanye iqumrhu ngaphandle kwesebe okaye iziko likaRhulumente. Ulwazi oluthile lobuqu, nakuba kunjlao, lunokunikwa aba bafumani bolwazi lobuqu balandelayo:

(a) Iziphathamandla ezilawulayo okanye ummeli wezikhalazo kunye namaziko karhulumente apho i-DBE inesibophelelo somthetho khona sokwabelana ngolwazi;
(b) amaqela esithathu lawo zenziwa kuwo iintlawulo egameni le-DBE nabasebenzi; kunye
(c) namaziko anoxanduva lokunyanzeliswa komthetho.

9.4. UkuDlula ngaPhaya kwemida koLwazi lobuQu

ICandelo lama-72 lomThetho we-POPI libonelela ngokuba uLwazi lobuQu lunokudluliswa kuphela luphume kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika ukuba—

(a) ilizwe elilufumayo linokunika idatha enjalo ukhuselo “lwenqanaba elaneleyo”. Oku kuthetha ukuba imithetho yalo yobucala bedatha kufuneka ifane nemiQathango yokuSebenza ngayo esemThethweni njengoko kuchaziwe kwiSahluko sesi-3 somThetho we-POPI; okanye
(b) UmNtu weDatha uyakuvuma ukudluliselwa koLwazi lwakhe lobuQu; okanye
(c) ukudluliswa kuyimfuneko ekwenziweni kwezibophelelo zekontraki phakathi komNtu weDatha kunye neQela eliNoxanduva; okanye
(d) ukudluliswa kuyimfuneko ekwenziweni kwezibophelelo zekontraki phakathi kweQela eliNoxanduva kunye neqela lesithathu, ngokusemdleni womNtu weDatha; okanye
(e) ukudluliswa kuza kunceda umNtu weDatha, kwaye akunakwenzeka ngokufanelekileyo ukufumana imvume kumNtu weDatha, kwaye ukuba bekunjalo, umNtu weDatha, unokunika imvume enjalo.

Okwangoku, i-DBE ayicebi kuHanjiswa koLwazi lobuQu ngaPhaya kwemida.

9.5. AmaNyathelo oKhuselo loLwazi (icandelo le-19 lomThetho we-POPI)

I-DBE igcine imfezeko kunye nobumfihlo bolwazi lobuqu olukuyo okanye oluphantsi kolawulo lwayo ngokuthatha amanyathelo afanelekileyo, ngobuchwepheshe obufanelekileyo kunye nawombutho ukuthintela ilahleko, okanye umonakalo, okanye ukutshatyalaliswa okungagunyaziswanga, ufikelo olungekho mthethweni, okanye ukusebenza ngolwazi lobuqu.

I-DBE ibeke imithetho yokhuselo yokugada ulwazi lobuqu ekubeni kufikelelwe kulo ngokungekho mthethweni. ISebe licinga ngokunyusa amaNyathelo oKhuselo loLwazi njengokulandelayo:

(a) Ngokuqinisekisa ukuhlelwa okuchanekileyo kolwazi olurekhodiweyo kuba idatha yabasebenzi iza kuhlelwa ‘njengolwazi lobuqu’ okanye ‘ulwazi lobuqu olukhethekileyo’;

(b) ukuqinisekisa ukuba imithetho yokhuselo iyanyuswa ukugada kufikelelo olungagunyaziswanga kulwazi ngokuphumeza amanyathelo okhuselo ekhompyutha kunye nothungelwano njengee-password, ukuphumeza ii-firewalls, ukufaka ukhuselo lwe-antivirus, ukuqinisekisa ukhuselo lwedatha ngokuguqulela ulwazi kwikhowudi okanye ukususwa kolwazi lobuqu, ukufumana ii-laptops neekhompyutha ngee-passwords okanye iimpawu zezandla kunye nokufumana i-Virtual Private Network (VPN);

(c) imithetho eyazisa abasebenzi okanye abanye abantu xa ulwazi lwabo lobuqu luye lwabonwa, okanye xa kuye kwakho ukophulwa kobucala obunxulumene nolwazi lobuqu olubandakanyekayo; kunye

(d) nokuqinisekisa ukuba imithetho engqongqo yokhuselo iyamkelwa ukunyina ufikelelo ngamaqela esithathu, okusingqongileyo kweofisi, uthungelwano lwekhompyutha, inkqubo, i-application software, idatha okanye omnye umthombo.

9.6. UkuXelwa koLwazi lobuQu

I-DBE inokuxela ulwazi lobuqu kwamanye amasebe karhulumente, kumaziko karhulumente kunye nakubaboneleli ngeenkonzo beqela lesithathu le-DBE. I-DBE unokuxela ulwazi lobuqu kananjalo apho kukho umsebenzi okanye ilungelo lokuxela ngokomthetho osebenzayo, umthetho, okanye apho kunokucingwa ukuba kuyimfuneko ukuze kukhuselwe amalungelo e-DBE.

I-DBE ngesiqhelo ibandakanyeka kwimisebenzi leyo idatha ye-DBE idityaniswe kwenye idatha karhulumente ngeenjongo zokuqinisekisa ubulunga bedatha kunye nokubeka iliso. Njengokuba, i-DBE kunye neArhente yoKhuselo lwezeNtlalo yoMzantsi Aftika (South African Social Security Agency) (SASSA) ziyadibana, zisebenzisa iinkalo zolwazi lobuqu ezahlukeneyo, ukumisela ukuba abo bafumana izibonelelo bakubudala bokuya esikolweni na. Ukudibanisa, idibene neSebe leMfundo yamaZiko aPhezulu (Department of Higher Education) (DHET), iirekhodi zabafundi ebebebhalise ngaphambili ezikolweni kwabo bafundi okwangoku bakumaziko emfundo ephakamileyo kubalulekile ekuqondeni ukuhamba phakathi kwala manqanaba mabini emfundo.

10. AmaLungelo abaNtu beDatha

10.1. Ilungelo lokufikelela kulwazi lobuqu (icandelo lama-23 lomThetho we-POPI)

I-DBE iyaqonda ukuba umNtu weDatha unelungelo lokumisela ukuba ingaba i-DBE igcine ulwazi lobuqu olunxulumene naye na, yena okanye yona, kuquka nelungelo lokucela ufikelelo kulwazi lobuqu.

10.2. Ilungelo lokuba ulwazi lobuqu lulungiswe okanye lucinywe (icandelo lama-24 lomThetho we-POPI)

UmNtu weDatha unelungelo lokucela, apho kuyimfuneko, ukuba ulwazi lwakhe okanye lwayo lobuqu malulungiswe okanye lucinywe apho i-DBE ingasagunyaziswanga ukuba igcine ulwazi lobuqu.

10.3. Ilungelo lokwala ukuba kusetyenzwe ngolwazi lobuqu

UmNtu weDatha unelungelo, kwimihlaba efanelekileyo, lokwala ukuba kusetyenzwe ngolwazi lwakhe okanye lwayo lobuqu. Kwimeko enjalo, i-DBE iza kunika ingqalelo efanelekileyo kwisicelo kunye neemfuneko zomThetho we-POPI Act.

10.4. Ilungelo lokwala ukuba kuthengiswe ngqo

UmNtu weDatha unelungelo lokwala ukuba kusetyenzwe ngolwazi lwakhe okanye lwayo lobuqu kwiinkqubo zentengiso ngqo ngendlela yonxibelelwano lwe-eletroniki olunganikwanga ngokuzithandela.

10.5. Ilungelo lokwaziswa (icandelo le-18 nelama-22 lomThetho we-POPI)

UmNtu weDatha unelungelo lokwaziswa ukuba ulwazi lwakhe okanye lwayo lobuqu luqokelelwe yi- DBE. UmNtu weDatha unelungelo lokwaziswa kananjalo ngayo nayiphi na imeko apho i-DBE inemihlaba efanelekileyo yokukholwa ukuba olo lwazi lobuqu lomNtu weDatha kufikelelwe kulo okanye lwafunyanwa ngumntu ongagunyaziswanga.

10.6. Ilungelo lokukhalaza kuMlawuli woLwazi

UmNtu weDatha unelungelo lokungenisa isikhalazo kuMlawuli woLwazi ngokuphathelene nokophulwa okusolwayo kwawo nawaphi amalungelo akhuselwe phantsi komThetho we-POPI.

11. Ukuhlaziya incwadi yokufundisa

Ngokwecandelo le-14(2) le-PAIA, le Ncwadi yokufundisa kufuneka, apho kuyimfuneko, ihlaziywe ngonyaka kwaye kufuneka yenziwe ifumaneke njengoko kuxeliwe kwincandelo le-14(2) le-PAIA, kuquka nokuba ithunyelwe kwiwebhusayithi esemthethweni yeSebe ku-https://www.education.gov.za kunye nokwenza ukuba iikopi zeNcwadi yokufundisa zifumaneke xa zicelwa kwiGosa loLwazi, kwiinkcukacha zoqhagamshelwano ezikumhlathi wesi-4 ngasentla.

12. Ukufumaneka kwencwadi yokufundisa

Ukuba iikopi ezongezelelweyo zale ncwadi yokufundisa ziyafunwa, zinokufunyanwa kwiwebhusayithi ye-DBE.

Ivunywe ngalo 29 wosuku lwe October 2021.

_____

MNU HM MWELI
UMLAWULI JIKELELE/IGOSA LOLWAZI
ISEBE LEMFUNDO ESISISEKO

ISIHLOMELO A

Imali ehlawulwayo emiselweyo

Le mali ehlawulwayo ixelwe kwiSigaba II sesiHlomelo A kwiMimiselo ePhathelene nokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (epapashwe phantsi kwe-GN R187 kwi-GG 23119 yowe-15 Februwari 2002).

1. **Imali ehlawulewla ikopi nganye yencwadi yokufundisa** njengoko kuxeliwe kummiselo 5(c) ngama-0.60 kwiKopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko.

2. ICandelo le-15(3) lomThetho lithi: "Imali ekupkuphela kwayo ehlawulwayo (ukuba kukho nayiphi) kufikelelo kwirekhodi ... yimali emiselweyo yokuvelisa kwakhona." Le **mali ihlawulelwa ukuvelisa kwakhona** ingale ndlela ilandelayo:
   (a) Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko: R0,60
   (b) Ngekopi nganye eshicilelweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko egcinwe kwikhompyutha okanye ngohlobo lwe-letroniki okanye olufundeka ngomatshini: R0,40
   (c) Ikopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi-
      (i) icwecwe lesitifi R5,00
      (ii) icwecwe le-compact R40,00
   (d) (i) Ngetranskripshini yemifanekiso ebonwayo, yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko R22,00
      (iii) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo R60,00
   (e) (i) Ngombhalo ovela kwiteyiphu emanyelwayo, yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko R12,00
      (iii) Ngekopi yerekhodi evakalayo R17,00

3. **Imali ehlawulelwa isicelo** ehlawulwayo ngumceli ngamnye, ngaphandle koMceli wobuQu ekubhekiselwe kuye njengommiselo wesi-7(2) ngama R35,00

4. **Imali ehlawulwayo ehlawulelwa ufikelelo** ngumceli ekubhekiselwe kuyo kummiselo 7(3) njengoku kulandelayo:
   (1) (a) Ngekopi nganye efotokotshiweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko R0,60
      (b) Ngekopi nganye eshicilelweyo yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko egcinwe kwikhompyutha okanye ngohlobo lwe-letroniki okanye olufundeka ngomatshini R0,40
      (c) Ikopi engohlobo olufundeka kwikhompyutha ekwi-
         (i) icwecwe lesitifi R5,00
         (ii) icwecwe le-compact R40,00
      (d) (i) Ngetranskripshini yemifanekiso ebonwayo, yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko R22,00
         (ii) Ngekopi yemifanekiso ebonwayo R60,00
      (e) (i) Ngombhalo ovela kwiteyiphu emanyelwayo, yesayizi yephepha le-A4 okanye inxenye yayo ngaphaya koko R12,00
         (ii) Ngekopi yerekhodi evakalayo R17,00

(f) (f) Ukukhangela kunye nokulungisa iirekhodi ukuze zixelwe, i-R15.00, kwiyure nganye okanye kwinxenye yeyure, kukhutshelwa ngaphandle iyure yokuqala, efuneka ngokufanelekileyo kuphando nolungiso olunjalo

(2) Ngenxa yeenjongo zecandelo lama-22(2) lomThetho, oku kulandelayo kuyasebenza:

(a) Iiyure ezintandathu kuba iiyure ekudluliswe ngazo idiphozithi iyahlawulwa; kwaye

(b) isinye sesithathu semali ehlawulelwa ufikelelo sihlawulwa njengediphozithi ngumceli.

(3) Imali yokuqala ehlawulelwa ukuposa xa ikopi yerekhodi kufuneka iposelwe kumceli.

ISIHLOMELO B

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IFOM A
ISICELO SOFIKELELO KWIREKHODI LEQUMRHU LIKARHULUMENTE

[Ipapashwe phantsi kwe-GN R187 kwi-GG 23119 yowe-15 Februwari 2002, ngokweCandelo le-18(1) lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000).]

KUSETYENZISWA LISEBE **Inombolo yereferensi:** _____

Isicelo sifunyenwe ngu _____ (igama, ifani nesikhundla segosa lolwazi okanye usekela gosa lolwazi) e _____ (indawo) ngo _____ (umhla).

IMali ehlawulelwa isicelo (ukuba kukho nayiphi): R .....

Idiphozithi (ukuba kukho nayiphi): R .....

IMali ehlawulelwa ufikelelo: R .....

_____
IGOSA LOLWAZI OKANYE USEKELA GOSA LOLWAZI (usayino)

A. Iinkcukacha zequmrhu likarhulumente

The Deputy Information Officer
Department of Basic Education
Private Bag X895
Pretoria
0001

Umnxeba.: 012 357 3769/4151
Ifeksi: 012 323 9430
I-imeyile: PAIA-DIO@dbe.gov.za

B. Iinkcukacha zomntu ocela ufikelelo kwirekhodi

Amanqakwana

(a) Iinkcukacha zomntu ocela ufikelelo kwirekhodi kufuneka zirekhodwe ngezantsi.
(b) Nika idilesi kunye/okanye inombolo yefeksi kwiRiphabliki leyo oluza kuthunyelwa kuyo ulwazi.
(c) Ubungqina besikhundla esenziwa ngaso isicelo, ukuba kuyenzeka, kufuneka buhlonyelwe.

Amagama apheleleyo nefani:.....

Inombolo yesazisi:
.....
.....

IDilesi yeposi:

.....
.....

Inombolo yefeksi: .....

Inombolo yomnxeba:
……..
.....

Inombolo yefeksi:
……..
.....

Idilesi ye-imeyile:
……..
.....

Isikhundla esenziwa ngaso isicelo, xa sisenziwa egameni lomnye umntu:

.....

C. Iinkcukacha zomntu lowo senziwa egameni lakhe isicelo

Qaphela
Eli candelo kufuneka ligcwaliswe kuphela ukuba isicelo solwazi senziwa egameni lomnye umntu.

Amagama apheleleyo

nefani:……..

Inombolo yesazisi:

.....

.....

D. Iinkcukacha zerekhodi

Amanqakwana
(a) Nika iinkcukacha eziphelelelyo zerekhodi elo kufunwa ufikelelo kulo, kuqukwa nenombolo yereferensi ukuba ngaba uyayazi, ukuze likwazi ukufunyanwa irekhodi.
(b) Ukuba ngaba isithuba esinikiweyo asonelanga nceda uqhube kwiphepha elongezelelweyo uze ulihlomele kule fom. Umceli kufuneka asayine onke amaphepha awongezelelekileyo aneenombolo.

1. Inkcazo yerekhodi okanye inxenye ebandakanyekayo yerekhodi:……..

2. Inombolo yereferensi, ukuba iyafumaneka:……..

3. Naziphi iinkcukacha ezingaphaya zerekhodi:……

.....

E. Iimali ezihlawulwayo

Amanqakwana
(a) Isicelo sofikelelo kwirekhodi, ngaphandle kwerekhodi eliqulethe ulwazi lobuqu malunga nawe, kuya kusetyenzwa ngalo kuphela emva kokuba imali ehlawulelwa isicelo ihlawulwe..
(b) Uya kwaziswa ngesixa ekufuneka sihlawulwe njengemali ehlawulelwa isicelo.
(c) Imali ehlawulwayo yokufikelela kwirekhodi ixhomekeka kuhlobo olufunwa ngalo ufikelelo kunye nexesha elifanelekileyo lokukhangela kunye nokulungisa irekhodi.
(d) Ukuba ngaba ufanelekile ukuba unyenyiselwe intlawulo yayo nayiphi na imali ehlawulwayo, nceda uxele isizathi sokunyenyiselwa.

Isizathu sokunyenyiselwa ekuhlawuleni imali ehlawulwayo:
……..

.....

F. Uhlobo lofikelelo kwirwekhodi

Qaphela
Ukuba ngaba uthintelwa kukukhubazeka ukuba ufunde, ujonge okanye umamele kwirekhodi ngohlobo lofikelelo olubonelelwe kwisi-1 ukuya kwisi-4 ngezantsi, xela ukukhubazeka kwakho kwaye ukhombise ukuba loluphi na uhlobo olufuneka ngalo irekhodi.

Xela ukuba nokukhubazeka kwakho:

……..……

Amanqakwana
(a) Ukukhombisa kwakho uhlobo olucelileyo lofikelelo kunokuxhomekeke kuhlobo olo lufumaneka ngalo irekhodi.
(b) Ufikelelo ngohlobo oluceliweyo lunokwaliwa kwiimeko ezithile. Kwimeko enjalo uyakwaziswa ukuba ufikelelo lunokunikwa ngolunye uhlobo.
(c) Imali ehlawulwayo yokufikelela kwirekhodi, ukuba kukho nayiphi, iya kumiselwa inxenye yayo luhlobo ololucelwe ngalo ufikelelo.

Phawula ukhetho olufanelekileyo ngo- "X".

1. Ukuba ngaba irekhodi lingohlobo olubhaliweyo okanye olushicilelweyo –

	ikopi yerekhodi*		ukuhlolwa kwerekhodi

2. Ukuba irekhodi inemifanekiso ebonwayo -

(oku kuquka iifoto, izilayidi, okurekhodwe kwividiyo, imifanekiso eyenziwe ngekhompyutha, iziketshi, njalo njalo.)

	bona imifanekiso		iikopi zemifanekiso*		ukukhutshelwa kwemifanekiso*

3. **Ukuba iirekhodi zinamagama okanye ulwazi olurekhodiweyo olunokhutshelwa kwisandi –**

	mamela isandi (ikhasethi emanyelwayo)		ukukhutshelwa kwesandi* (uxwebhu olubhaliweyo okanye olushicilelweyo)

4. **Ukuba irekhodi ligcinwe kwikhompyutha okanye ngeletroniki okanye ngohlobo olufundeka kumatshini –**

	ikopi eshicilelweyo yerekhodi*		ikopi eshicilelweyo yolwazi oluthathwe kwirekhodi*		ukukhutshelwa ngohlobo olufundekayo kwikhompyutha* (istifi okanye icwecwe lekhompakthi)

*Ukuba ucele ikopi yokukhutshelwa kwerekhodi (ngentla), ingaba unqwenela ukuba ikopi okanye okukhutshelweyo kuthunyelwe kuwe ngeposi? **Imali ehlawulelwa ukuposa iyahlawulwa.**	**EWE**	**HAYI**

Loluphi ulwimi okhetha ukulifumana ngalo irekhodi?

……

(Qaphela ukuba xa lingafumaneki irekhodi ngolwimi olukhethayo, ufikelelo lunokunikwa ngolwimi olo lufumaneka ngalo irekhodi.)

G. Isaziso sesigqibo ngokuphathelene nesicelo sofikelelo

<u>Uya kwaziswa ngokubhalwe phantsi</u> ukuba ingaba isicelo sakho sivunyiwe okanye sikhatyiwe na. Ukuba ngaba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uxele indlela kwaye unike iinkcukacha eziyimfuneko zokwenza kuthotyelwe isicelo sakho.

Ukhetha ukwaziswa njani ngesigqibo esiphathelene nesicelo sakho sokufikelela kwirekhodi?

.....
.....

.....

Isayinwe e …….. (indawo) ngalo ..... suku lwe…….. (inyanga) …… (unyaka) …..... .

_____

USAYINO LOMCELI
OKANYE UMNTU ISICELO ESENZIWA EGAMENI LAKHE

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

FORM B
NOTICE OF INTERNAL APPEAL
(Section 75 of the Promotion of Access to Information Act, 2000 (Act No. 2 of 2000))
[Regulation 8]

A. Iinkcukacha zequmrhu likarhulumente

The Information Officer or Deputy Information Officer
Department of Basic Education
Private Bag X895
Pretoria
0001

Umnxeba.: 012 357 3769/4151
Ifeksi: 012 323 9430
I-imeyile: PAIA-IO@dbe.gov.za; PAIA-DIO@dbe.gov.za

B. Iinkcukacha zomntu ofaka isibheno sangaphakathi.

Ukuba kuyangena, ubungqina besikhundla eso sikwa ngaso isibheno, ukuba kuyenzeka, kufuneka buhlonyelwe.
Ukuba ngaba umntu ofaka isibheno ayinguye umntu ocele ulwazi (umntu ocele ulwazi ekuqaleni), iinkcukacha zomntu ocelileyo kufuneka zinikwe ku-C ngezantsi.

Amagama apheleleyo nefani:
.....
.....

Inombolo yesazisi:
.....
.....

IDilesi yeposi:
.....
.....

Inombolo yomnxeba: ..... Inombolo yefeksi:
.....

Idilesi ye-imeyile:
.....
.....

Isikhundla esifakwa ngaso isibheno xa sisenziwa egameni lomnye umntu:
.....

C. Iinkcukacha zomntu ocelayo [Ziza kufakwa KUPHELA ukuba iqela lesithathu hayi umntu ocelayo, lifaka isibheno.]

Amagama apheleleyo nefani:
.....
.....

Inombolo yesazisi:

.....

.....

D. Isigqibo eso sifakwa ngaso isibheno [Faka u-X ngakukhetho olufanelekileyo**]**

	Ukwaliwa kwesicelo sofikelelo.
	Isigqibo esiphathelene nemali ehlawulwayo ngokwecandelo lama-22 lomThetho.
	Isigqibo esiphathelene nokwandiswa kwethuba elo isicelo kufuneka kusetyenzwe ngasdo ngokwecandelo lama-26(1)lomThetho.
	Isigqibo ngokwecandelo lama-29(3) lomThetho sokwala ufikelelo ngohlobo oluceliweyo.
	Isigqibo sokuvuma ufikelelo kwisicelo.

E. (1) Xela imihlaba leyo sisekelwe kuyo isibheno. [Ukuba ngaba isithuba esinikiweyo asonelanga, nceda uqhube kwiphepha elahlukileyo uze ulihlomele kule fom. Iphepha ngalinye elahlukileyo kufuneka lisayinwe.]

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

(2) Nceda uxele naluphi na olunye ulwazi olunokubaluleka ekuthatheleni ingqalelo isibheno.

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

F. Isaziso sesigqibo ngesibheno [Uya kwaziswa ngokubhalwe phantsi ngesigqibo sesibheno sakho sangaphakathi. Ukuba ngaba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uxele indlela kwaye unike iinkcukacha eziyimfuneko.]

Indlela: Umnxeba ☐ I-imeyile ☐ Ifeksi ☐

Iinkcukacha:

.....

.....

Isayinwe e ..... (indawo) ngalo ..... usuku lwe ..... (inyanga) ..... (unyaka).

_____

USAYINO LOMBHENI